Isalathiso: 20170524-1227
12/2/11/9
Imibuzo: A du Toit

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*GET*: DCG 0015/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo zeSigaba seSiseko, kwiiNqununu nakwiiNtloko zeZifundo zeSigaba seSiseko zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

Isihloko: INkqubo yamaBakala aBasaqalayo yoVavanyo lokuFunda kwiSigaba seSiseko

1. ISebe leMfundo esiSiseko likazwelonke (i-*DBE*) lisungule inkqubo yamaBakala aBasaqalayo yoVavanyo lokuFunda (*Early Grade Reading Assessment*) (*EGRA*) ngo-2015 ukuphucula ukuFunda noVavanyo lokuQonda (*reading and comprehension*) kwiSigaba seSiseko. Olu vavanyo luqhutywa ngutitshala weklasi yaye linenjongo yokuqonda iingxaki zokufunda zabafundi (*diagnostic purpose*). Malungasetyenziselwa injongo yokupasa nokugqithela kwabafundi kwibakala elilandelayo (*progression and promotion of learners*).

2. Ngo-2015 kuqaliswe inkqubo ye-*EGRA* liSebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*) kwizikolo eziyi-96 (kwiSigaba 1). Le nkqubo inatyisiwe kwakhona ngo-2016 ukuya kufikelela kwizikolo eziyi-103 (kwiSigaba 2).

3. ISigaba 3 sale nkqubo siya kuqaliswa ngo-2018.

4. Le ngcaciso imfutshane inenjongo yokwazisa izikolo ezazipase nganeno ko-60% kuvavanyo lwenkqubo yemfundo lweBakala 3 loLwimi, yokuba ziya kubandakanywa kwiSigaba 3 sale nkqubo.

5. Uqeqesho lwe-*EGRA* lwezikolo zeSigaba 3 luya kuqhubeka ngo-Oktobha 2017.

6. Ixesha eliya kuthathwa lolu qeqesho liya kuba ziiyure ezintathu. Intloko yezifundo kunye ubuncinane notitshala omnye, kufuneka baye kuqeqesho olo. Nakuba kunjalo, izithili zinako ukubandakanya ootitshala abaninzi.

7. Amagosa esithili aya kuchaza ngembalelwano imihla neendawo ekuya kuqhubekela kuzo uqeqesho kwangethuba.

8. Ukufumana nayiphi na enye ingcaciso kucelwa uqhagamshelane nomququzeleli we*GET* ochaphazelekayo.

ISithili	**Umququzeleli**	**Ifoni**	**I-imeyili**	**Ifeksi**
Metro Central	Avrille Morgendal	021 514 6770	anna.morgendal@westerncape.gov.za	086 236 1892
Metro East	Benjamin Crombi	021 900 7051	benjamin.crombi@westerncape.gov.za	086 556 9519
Metro North	Malefo Makena	021 938 3104	malefo.makena@westerncape.gov.za	086 628 6008
Metro South	Lorraine Bailey	021 370 2041	lorraine.bailey@westerncape.gov.za	086 764 1912
Cape Winelands	Edgar Johannes	023 348 0605	edgar.johannes@westerncape.gov.za	086 531 0476
Eden and Central Karoo	Nelmarie Kriel	023 415 2070 044 803 8300	cornelie.kriel@westerncape.gov.za	086 678 7171
Overberg	Lynn le Grange	028 214 7378	lynn.legrange@westerncape.gov.za	028 214 7400
West Coast	Ursula Esau	021 900 7051	ursula.esau@westerncape.gov.za	086 562 3907

9. Kucelwa iinqununu zazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala beBakala 1 ukuya kwele-3 ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU- PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2017-07-24